## IQhinga leSizwe lokuLwa uRhwaphilizo (i-NACS)

***ISicwangciso soPhuhliso lweSizwe**: I-Vision 2030 inombono woluntu oluhlala kwiindawo ezingenarhwaphilizo, oluzinikela ekuziphatheni kakuhle kunye norhulumente ophendulayo kubantu bakhe.*

I-NACS, ephunyezwe yiKhabhinethi ngomhla we-18 kweyeNkanga ku-2020, inika inkqubo-sikhokelo nesicwangciso soko kuzakwenziwa eMzantsi Afrika kwaye sifuna ukwakha uluntu apho:

- iinkqubo zikarhulumente zolawulo nokuthenga zilawulwa khona ngeso lokhozi nezizezicace gca;
- kufundiswa khona uluntu malunga nokuba zinto zini ezithatyathwa ngokuba lurhwaphilizo ze luxhotyiswe ukuze lwazi ukuba luphendule njani xa luthe lwehla;
- uluntu kunye nabantu abaxela ulwaphulo-mthetho bakhuthazwayo ukuba baxele urhwaphilizo, nalapho baxhaswayo bakhuselwe ngokufanelekileyo xa besenjenjalo;
- abasebenzi bakarhulumente babekwa uxanduva xa iinkonzo zingasiwa eluntwini;
- icandelo loshishino namaqela asekuhlaleni asebenza ngendlela eqhutywa ziinqobo nalapho babekwa uxanduva xa kukho izenzo zorhwaphilizo; nalapho
- kukho isiko lokungalunyamezeli urhwaphilizo kuwo onke amacandelo kunye nokuthabatha uxanduva kwabo bonke ababandakanyeka kurhwaphilizo.

I-NACS isekelwe kwinqobo ethi kumelwe ukuba kuthintelwe urhwaphilizo kusetyenziswa ulawulo olululo, ukutyhileka, ulawulo lwengqibelelo nokubeka uxanduva kuluntu, nokubhaqa izenzo zorhwaphilizo ezinokubakho msinyane ukongeza kumanyathelo aphendulayo athatyathwa zii-arhente zonyanzeliso-mthetho namanye amaziko okulwa urhwaphilizo. Uluntu luphela kunye nendlela yokuhlangabezana nokulwa urhwaphilizo eyindibanisela ziza kunceda ukuthomalalisa umngcipheko weekomishoni zophando eziza neendleko eziphezulu, uphando lwasenkundleni kunye nezinye iinkqubo zomthetho.

Ezi ntsika zobuchule zintandathu zilandelayo zingamacandelo angundoqo eli qhinga:

| Intsika | Iinkqubo zokuyiphumeza* |
|---|---|
| **1. Ukuthabatha inxaxheba kwabemi:** Ukuphakamisa nokukhuthaza abemi ukuba bazibandakanye kwizinto zelizwe, baxele izinto ezilulwaphulo-mthetho, kubekho ingqibelelo nokutyhileka kuwo onke amanqanaba asekuhlaleni. | A. Ukuxhaswa kokuzibandakanya koluntu kwizinto zasekuhlaleni nokuphakamisa amanyathelo okwazisa iinqobo ukuthintela nokulwa urhwaphilizo.<br>B. Ukukhusela nokuxhasa abo baxela ulwaphulo-mthetho nokufuna izixhobo zokuxela ulwaphulo-mthetho.<br>C. Ukuphucula ulawulo lwengqibelelo nokukhuthaza ukuziphatha kakuhle.<br>D. Ukukhulisa nokomeleza ukutyhileka kuwo onke amacandelo. |
| **2. Ukuziphatha njengengcali:** Ukuqhubela phambili ukwenziwa kwabasebenzi bawo onke amacandelo babe sisigxina ukuze kuphucuke igalelo labo ekwenzeni iindawo zokusebenza ezingenarhwaphilizo. | A. Ukwenza icandelo likarhulumente libe bubugcisa nokwakha umbuso osebenzayo.<br>B. Ukuphucula amandla nengqibelelo yemisebenzi ekumbindi weenzame zokulwa urhwaphilizo. |
| **3. Ulawulo olulandela imigaqo yokuziphatha olongamelayo nolunolawulo lweziphumo ezilandela izenzo:** Ukuphucula ulawulo, ulongamelo nolawulo lweziphumo ezilandela izinto kwimibutho. | A. Ukuphucula ukukhokelwa okulandela iindlela zokuziphatha kuwo onke amacandelo.<br>B. Ukomeleza ulongamelo namandla olawulo kwicandelo likarhulumente.<br>C. Ukomeleza indlela yokuziphatha nengqibelelo kuwo onke amacandelo.<br>D. Ukomeleza ukuthabatha uxanduva nolawulo lweenkqubo kwimibutho ekuwo onke amacandelo. |
| **4. Inkqubo yokuthenga ekholelekayo netyhilekileyo:** Ukuphucula ingqibelelo nokuthembeka kwenkqubo karhulumente yokuthenga. | A. Ukuphucula ulongamelo nonyanzeliso ekuthengeni kukarhulumente.<br>B. Ukuphucula ukutyhileka nolawulo lweenkcukacha kwiinkqubo zikarhulumente zokuthenga.<br>C. Ukuxhasa ubungcali kuLawulo lweNkqubo yokuXhobisa. |
| **5. Ii-arhente zokulwa urhwaphilizo ezomeleleyo:** Ukomeleza ukuxhotyiswa, ukulungelelaniswa, intsebenziswano namanye amazwe, ukusebenza, uhlengahlengiso lotshintsho nokuzimela kwee-arhente zokulwa urhwaphilizo ezizinikezeleyo. | A. Ukomeleza ubudlelwane boMzantsi Afrika nentsebenziswano namanye amazwe kumlo ochasene norhwaphilizo.<br>B. Ukuseka iziko lokuququzelela umlo worhwaphilizo ukulungelelanisa zonke iintshukumo zokulwa urhwaphilizo.<br>C. Ukuxhobisa ii-arhente ezilwa urhwaphilizo ngokuqinisekisa ukuba zinamandla, ziyaqeqeshwa kwaye kuhlaziywa indlela yokwenza namandla abasebenzi ukuphucula ukunyanzeliswa komthetho.<br>D. Ukukhuselwa kokuzimela kwee-arhente ezingundoqo ezinoxanduva lokuphanda nokutshutshisa abenzi borhwaphilizo. |
| **6. Ukukhuselwa kwamacandelo asesichengeni:** Ukukhusela awona macandelo anokuchatshazelwa lurhwaphilizo nezenzo ezingalandeli imigaqo yokuziphatha ngolawulo lomngcipheko olusebenzayo. | A. Ukwenziwa kophando olumalunga namacandelo karhulumente nawabucala asesichengeni sokuba ngamaxhoba orhwaphilizo.<br>B. Ukumiselwa kweengenelelo ezijolise ekunciphiseni umgcipheko worhwaphilizo nokuphakamisa ulawulo lwengqibelelo kumacandelo asesichengeni.<br>C. Ukonganyelwa, ukuvavanywa nokuphononongwa kweengenelelo ezijolise ekulawuleni umngcipheko kumacandelo asesichengeni. |

I-NACS yenza isiphakamiso samalungiselelo amaziko alwa urhwaphilizo ahlaziyiweyo aza kukwaziswa ngezigaba ezibini.

IsiGaba soku-1: Ukumiselwa kweqhinga lethutyana lokuqala, kuquka uphando, uphuhliso lomxholo nokuyilwa kwesindululo esiya kwiKhabhinethi sokusekwa kweziko eliza kongamela kuzakwenziwa liziko leengcebiso lethutyana lamacandelo amaninzi, elibizwa ngokuba liBhunga leSizwe leNgcebiso zokuLwa uRhwaphilizo (i-NACAC). Eli ziko liza kwenza umsebenzi walo lisebenzisa uthethathethwano neekomiti ezichaphazelekayo zabaphathiswa, izicuku namaqabane kuluntu. I-NACS iphakamisa ukuba i-NACAC isekwe nguMongameli nokuba isebenze isithuba esingaka ngeminyaka emibini okanye iyekiswe ngoko nangoko xa kuthe kwasekwa iziko elisisigxina.

IsiGaba sesi-2: Ukusekwa kweziko elizimeleyo lokongamela lombuso elizendele emthethweni/kumgaqo-siseko eliza kuphendula ePalamente, nelimiselwe kwindlela yokusebenza ebandakanya konke, enamacala amaninzi enentsebenziswano yamacandelo ohlukeneyo, ngokuhambelana nendlela yokwenza yelizwe yokulwa urhwaphilizo ebandakanya urhulumente wonke kunye noluntu. Kumelwe ukuba inikwe igama elifanelekileyo eliza kuza ngenxa yezindululo ze-NACAC ze izigqibo zithatyathwe ngabasemagunyeni. Umbono ngowokuba eli ziko lisisigxina, phakathi kwezinye izinto, liza kuqhuba ukukhutshwa kwexesha elide kweli qhinga nazo zonke iinkqubo ezihambelana nalo.

Sele kusetyenzwa ngokommiselo we-NACS ofana nomsebenzi wophando owenziwayo ngoku yi-*Fusion Centre* ngokuncedwa liQela loMsebenzi lokuLwa uRhwaphilizo elisekwe kudityaniswa ii-arhente ezininzi, ukumiselwa okungenasiphelo kwezenzo ngamaziko azimeleyo alwa urhwaphilizo, umsebenzi wokuthomalalisa umngcipheko owoyanyaniswa ne-*COVID-19* kunye namalungiselelo e-NACS otshintsho alawulwa nge-*NACS Reference Group* neKomiti eQhubayo ye-NACS.

Iinkcukacha ezithe vetshe malunga ne-NACS kunye namanye amaxwebhu afanelekileyo angafunyanwa ku-
[*www.gov.za/AntiCorruption*](http://www.gov.za/AntiCorruption)

STOP ACT KNOW

CORRUPTION

FIGHTING CORRUPTION IS EVERYONE'S BUSINESS

Anti-corruption toll-free line 0800 701 701